# Vuyani ! Uxolile u Tixo Wezulu ! !

## (Easter.)

### (Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto)

Pulapula !—Ukuba u Yesu ubengavukanga Ekufeni, nati besingenakuba nako ukuvuka ngakuso isono: Kuba isono besiya kuba namandla okusoyisa tina side sehle e Hadesi: Kodwa ke namhlanje; ngenxa yolu vuko luka Krestu; u Tixo Usinikile sonke amandla okusoyisa Isono ngokuzilanla :—Ngapaya koko xenikweni ebengavukanga u Yesu; belungena kubako konke na Emhlabeni uvuko lwabafileyo: Kube ke ngoko ukushumayela kwetu noku kolwa kwetu kulilize: Kodwa kaloku u Krestu uvukile kwabafileyo; waba sisandulelo sabo balele "Kukufa" :—Camagu ! !

Utinina namhla Kufa Nambankulu
Namhla woyisiwe Nguye Opezulu
Zinikele kanye Kuye uvukile
Waqengqa Ilitye Lowo Ubefile.

Lupina ke Kufa ulwamvila lwako
Lupina ke Ngcwaba uloyiso lwako
Noyisiwe kanye akuko kubuza
Unilwe u Krestu waxelis' amaza.

Intolo zokufa ke zihlazisiwe
Dumisa ngoko Mhlaba uvuyisiwe
U Krestu wapoxwa Zintshaba kakulu
Ehlaulela wena ku Tixo Wezulu.

Vuka mpompoma yendumiso e Afrika
Uvuselele ntlango ze Tanganyika
Nisasaze ezondaba nge Tempile
Nenze Isijwili ngazo nikumbule.

Mkosi mnina lo ute r'er'elele
Ulinde Elongcwaba ngamar'ele
Nga Gabriyeli Induna yezi Ngcwele
Ofikileyo nezake Izihlwele.

Ufike kwa ngoko Umhlaba wotuka
Nentsika zengcwaba kwa zonke zapuka
Ilitye laqengqwa kwalepo lawiswa
Namajuda onke abetwa atshiswa.

Utinina namhla Kufa Nambankulu
Namhla woyisiwe Nguye Opezulu
Lo Krestu wapule Umti Womnqamlezo
Watyumza nentloko wenz' ixoba ngazo.

Vuka mpompoma yendumiso e Afrika
Alaleke oqele ukupika
Vuka msinya ulangise Isibane
Kuba nelo Ngcwaba lavulwa Ngemibane.

Lo Kristu uvuke kwakunye no Mari
Ndibave kwintlango mna ze Kalahari
Wababiza nabayame nge Ntaba
Ze abenzele Ibali lezo Nceba.

Side satata nentonga sabekelela
Sifuna lo Krestu Odumo ludala
Uyifezile kwa yonke ne Nkululo
Lidumiseni elo Roti nge "Culo."

Mkosi mnina lo ute r'er'elele
Ulinde Elongcwaba ngamar'ele
Kwanemikosi yezitunywa unayo
Kwanabo bangcwele abamkolisayo.

Kungoko Ebiza vukani ke boni
Noyike Amandla Esulu ningoni
Nawe ke Afrika uhlale usazi
Kaloku lihleli "Ingqina" le "Gazi."

Watsho uyawavela bati wavela
Oza kuzongoma ebuyelela
Into efungwa nango sebeleni
Zigqushe ne Nkosi Zidlob' enkundleni.

Taru ! Awu ! !